Le ncwadi ipapashwe yi Al Hidayah Centre, ayinayo imiqathango yokupapashwa kwayo esiyaziyo. (Muntakhab Ahadith Incwadi yomthandazo).

Iprintwe eMzantsi Afrika

Ukuprintwa kokuqala, 2021

KHUPHELA KWI EBOOK:
http://alhidayah.co.za/incwadi-yomthandazo/

*Ipapashwe yi:*
**Al Hidayah Centre,** Eastern Cape

18 Bonaventure Crescent
Salsoneville, Port Elizabeth
Telephone: 041 492 2773
Whatsapp: 041 492 2773 | https://wa.me/27414922773
Email: info@alhidayah.co.za
www.alhidayah.co.za

***"Kananjalo aSizanga Sithumele Mprofethi Singamthumeli ngolwimi lwabantu bakukbo khona'ukuze enze umyalezo ucace kubo. Ke kaloku u Allah Uvumela alahleke lowo Athande ukuba alahleke, Akhokele lowo Athande ukumkhokela. Yena nguSomandla, uSobulumko."***
***(Quran 14:4)***

# Imbulambethe by 1

Iindumiso zonke zezika Allah, iNkosi yamahlabathi onke. Iinceba ezikhethekileyo kunye noxolo inga zingakulowo wathunyelwa njengenceba ehlabathini.

Ngelixesha abanye abantu beshiya ngasemva ilifa elizizinto ezibambekayo elithi lifunyanwe ziindla lifa lakhe, bona abaProfethi baka Allah bona ilifa abalishiyayo yalilulwazi lwenkolo. Kengoko iinfundimani (scholars) ze Islam zizi iindla lifa zabaProfethi; zona zifumane ilifa lika Rasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam. Yena washiya ngasemva incwadi ka -Allah (Quran) kunye neSunnah Yona ithe yagcinwa ikhuselekile ngokuthi ingulowo nalowo ethe wayigqithisela omnye okubizwa ngokua yiHadith. ISunnah iquka zonke izinto ezathi zenziwa okanye zathethwa nguRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam zathi zaqwalwaselwa kwaye zagcinwa khuselekileyo ngamaqabane akhe ahloniphekileyo (RadhiaAllahu Anhum). Ezinye zezo zinto zagcinwa ngexesha lakhe esaphila ezinye emva kokusweleka kwakhe. Ngokuye Ixesha lihamba iincwadi eziqulathe i-Ahadith zathi zapapashwa. Kwasetyenzwa nzima ukuqinisekisa ukuba kuqokelelwe, kufundisisiswe kuvavanywe zonke ezizinto zexabiso ezililifa lika Rasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam. Kungenxa yalo misebenzi inzima eyabangela ukuba namhlanje sibe sisenalo lucwengile olu lwazi lwenkolo. I-Ulama zeHadith emva kwexesha zaya zazenza amanqanaba khona ukuze kuzo balula xa ufuna ukwenza isalathiso.

Namhlanje zininzi iingqokelela ezibhaliweyo, kodwa uninzi lubhalwe ngesi Arabu, nto leyo efuna ukuba umntu ayacacisisise into eyithethayo. Alhamdulillah kwiminyaka embalwa egqithileyo ii-Ulama ezingaphumi kumazwe ama Arabu athi aqalisa ukuguqulela ezi Ahadith kwiilwimi ezahlukeneyo kwihlabathi liphela, khona ukuze Eli lifa lihlale lifumaneka.

Al-Muntakhab yenye yezo ncwadi egxininisa kakhulu kwezi khwalithi ziyi 6 ezazifumaneka ngamandla kumaqabane kaRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam.Kuyinto entle ukuba umntu ayifunde ekhayeni lakhe.Kuba iqulathe I Ahadith ezikhuthaza ukwenziwa kwemisebenzi emihle kwaye icacisa nangomvuzo owufumanayo Ngokwenza oko, enye incwadi ekukhuthazwa ukuba ifundwe yiRiyaadhus Saliheen ka Imaam Nawawi rahimahullah. Ngokwenza njalo uyakufumana ulwazi oluphangaleleyo lokuba ulwazi uxanduva onalo njenge Muslim, kwaye nokumkhuthaza ukuba azenze izinto

ngokwe Sunnah. Umntu kufuneka ayibulele imisebenzi enje kuquka nezo ziguqulelwe kwezinye iilwimi.Nasekubeni ikhangelela ilula xa sele igqityiwe ukuguqulwa kodwa kungumsebenzi onzima ofuna ukuba umise ingqondo xa uwenza. Oku akungomsenzi mncinane kuba kaloku lowo uguqulayo uye abe ngumhambisi womyalezo ka Nabi Muhammad Sallallahu Alayhi Wasallam.

Kubalulekile ukuba sibulele i-Alhidaya Centre neqela layo ngokuthi izame ukuguqula ezimfundiso zexabiso zenkolo ye Islam, khona ukuze zizokufikelela kwiintlanga ezahlukeneyo zase Mzantsi Afrika ezikunxanelweyo ukwazi ngenkolo ye Islam. Le nguqulelo siyathemba ukuba iyakuba luncedo apha ehlabathini kwaye iyakuhlala ingumthombo ompompozayo kwixa elizayo kwabo bathathe lo msebenzi mkhulu kangaka, wokugula amazwi woMprofethi wethu esithandayo Sallallahu Alayhi Wasallam.

Le nguqulelo nolupapasho ngaphandle kwamathandabuzo iyakuba yinzuzo enkulu kwabo bathetha ulwimi lwesixhosa. Inga u-Allah angabavuza bonke abo bathe benza oku kube yimpumelelo kwaye kube yinkuthazo nakwabanye abantu ehlabathini.

**Moulana Junaid Adam**

Ameer | Council of Ulama Eastern Cape, Port Elizabeth, Suid-Afrika

# Imbulambethe by 2

Tesame met die Qurʾan vorm die Ḥadith die grondslag van Islam. Die Ḥadith bestaan uit die woorde en dade van die Nabi Muḥammad sallallahu alaihi wa sallam soos verhaal deur sy metgeselle, die Ṣaḥabah, en daarna afgehandig deur opvolgende geslagte in ‘n stelsel van bewaring en oorlewering uniek in die geskiedenis van die mensdom vir sy noukerige presiesheid.

Deel van die vrug van daardie stelsel word vandag aan die Afrikaanse leser voorgelê in hierdie vertaling van die versameling *Muntakhab Aḥadith* deur Moulana Siraj Joubert. Die vertaler volg in groot voetspore: die versamelaar van die oorspronlike boek, Moulana Muḥammad Yusuf Kandhlawi, asook, in terme van ‘n eg Suid Afrikaanse belewenis, die vroëe Kaapse vertalers van Ḥadith na Afrikaans, van wie die volgende figure noemenswaarding is:

- **Shaykh Abu Bakr Effendi (1814-1880):** alhoewel sy historiese Arabies-Afrikaanse boek *Bayanuddin* hoofliks ‘n boek op fiqh is, sluit dit tog ‘n goeie aantal ḥadith ook in.
- **Shaykh Abdur Rahim al-Iraqi (?-1942):** een van sy vele Afrikaanse boeke in Arabiese skrif is getiteld *Risalah fi Bayan Fadaʾil Laylat al-Niṣf min Shaʿban*, en bevat heel moontlik ‘n aantal ḥadith op die onderwerp van die 15de Sha’baan.
- **Saʿd Abdur Rahman:** ‘n betreklik onbekende skrywer aan wie die boek *Kitab Bab al-Akhbar Ḥadith* (sic), ook in Arabies-Afrikaans, toegeskryf word.
- **Shaykh Ismail Ḥanif (1906-1958):** die ḥadith versameling *Irshad al-Bariyyah fi l-Aḥadith al-Nabawiyyah* van hierdie beroemde Kaapse geleerde is heel waarskynlik die laaste verwerking van ḥadith in die Arabies-Afrikaanse medium.

Dit is met egte trots en genot dat ek vandag hierdie voorwoord skryf op ‘n waardevolle, en hopelik voordelige stuk werk deur een van my studente. Mag Allah aanvaar, seën en ryklik beloon.

**Mufti M Taha Karaan** *rahimahullah*

Prinsipaal | Dār al-ʿUlūm al-ʿArabiyyah al-Islāmiyyah, Strand, Suid-Afrika

# Imbulambethe by 3

Iindumiso zonke zezi ka-Allah kwaye iinceba neentsikelelo zika Allah mazibe kumProfethi wethu esimthandayo uNabi sallallahu alayhi wasallam

Kwicala le Jamiatul Ulama (KwaZulu Natal), kuli wonga elikhulu nochulumanco ukuba ndikwazi ukwenza la mabala engwe malunga nokupapashwa kwee Ahadith eziyi 112 malunga nokulunga komthandazo kwiihadith zikaNabi sallallahu alayhi wasallam eziqulathwe kwincwadi ebizwa ngokuba yiMuntakhab Ahadith ngolwimi lwesiXhosa.

Inene kukho imfuneko emandla yokuba kubekho iincwadi ezithembakeleyo zolwimi lwesiXhosa kuquka nezinye iilwimi zase Afrika, ingakumbi kuMzantsi Afrika onencubeko ezahlukeneyo.

Inga u-Allah angawomkela lo msebenzi mhle kumguquli, uMoulana Muhsin Mbotoli kunye nompapashi, uMoulana Muhammad Badsha we Al Hidayah Centre in Port Elizabeth, South Africa.

Kulu chulumanco olugqithisileyo nanga kumbi kuba zombini ezi Ulama Zihloniphekileyo ziyi mveliso ephuma kwiziko le mfundo ephakamileyo yethu iMadrasa Taleemuddeen in KwaZulu Natal, South Africa.

Inga le ncwadi isikekekileyo ingangu nobangela wokuba le nkolo yethu intle ingayo kufikelela kwiimbombo zone zabo bathetha ulwimi lwesiXhosa.

Inga u-Allah angayenza le ncwadi ibe ngumthombo weentsikelelo kunye nokuba isenze sisondele nangakumbi kuNabi sallallahu alayhi wasallam, Aameen.

**Moulana Ahmed E Mahomedy**

Ameer | Jamiatul Ulama KZN, Durban, South Africa

# Uphawula komGuquli

Kananjalo aSizanga Sithumele Mprofethi, Singamthumeli ngolwimi lwabantu bakubo, khona'ukuze enze umyalezo ucace Kubo.

Kule vesi ingentla siyabona Indlela u-Allah Ta'ala afuna ngayo ukuba wonke umntu abe sendleleni etye, ukuqinisekisa ukuba wonke umntu uyacaciselwa ngolwimi lwakhe ngokucacileyo. Nam ngenceba ka Allah nangenxaso ye Al Hidayah Centre ingakumbi iNkokheli yayo uMoulana Muhammad Badsha osoloko ebila esoma ukuqinisekisa ukuba ngalo lonke ixesha yonke into esiyifunayo khona ukuze abo bafuna ukufunda nge Islam ngolwimi lwesiXhosa bayakwazi ukufumana ulwazi ngolwimi lwesixhosa. Kaloku thina bathetha ulwimi lwesiXhosa abanye abantu ukuzokuthi ga ngoku basenenkolelo yokuba inkolo ye Islam yinkolo yezinye iintlanga hayi thina bantu bathetha isixhosa, ngale migudu yokuba siguqulele esixhoseni iimfundiso nolwazi malunga me Islam sizama ukubonisa ukuba ababantu bangene kwinkolo ye Islam bangene kuyo ngenxa yophando abalenzileyo nge Islam, hayi ngokumfanyekiswa. Ndiyathemba ukuba le nguqulelo yezi Ahadith eziyi 112 iyakuba luncedo kwabo bafuna ukuva ngokulunga komthandazo, ukuqinisekisa ukuba bafumana ukubaluleka komthandazo kwi Ahadith nqo.

Inga u-Allah angayenza le mizamo yethu yokuguqulela esiXhoseni ezi Ahadith Shareef zibe zinga kukukhanya kweli hlabathi nakwi xa elizayo, kubo bonke abo bathe bancedisa ukuba kube yimpumelelo. Aameen

**Moulana Muhsin Mbotoli**

Lecturer in Hadith | Dawah Department, Al Hidayah Centre, Port Elizabeth, South Africa

# Salaah

1. **U Ibn Umar** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “I Islam yakhelwe kwiintsika ezintlanu: 1) Kukungqina ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka Allah kwaye uMuhammad nguMthunywa ka Allah, 2) ukumisa umthandazo, 3) ukunikezela iZakaat, 4) ukwenza iHajj, 5) kunye nokuzila ngenyanga yeRamadhaan.” *(Bukhari)*

2. **UJubair ibn Nufair** RadhiAllahu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Azange kutyhilwe kum ukuba mandiqokelele ubutyebi kwaye ndibe ngomnye wabarhwebi, koko kwatyhilwa kum. Zukisa kwaye udumise iNkosi yakho ube yinxalenye yabo baqubuda kuYo kwaye unqule iNkosi yakho kude kufike kuwe oko kungathandabuzekiyo (ukufa).” *(Sharh Al Sunnah, Mishkat Al Masabih)*

3. **UJabir Ibn Abdullah** RadhiAllahu Anhuma uchaza ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Isitshixo se Paradesi ngumthandazo kwaye isitshixo somthandazo yiWudhu.” *(Musnad Ahmad)*

4. **U- Anas** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Ulonwabo nochulumanco lwamehlo wam lusemthandazweni.” *(Sharh al Sunnah, Mishkaat al Masaabih)*

5. **U- Umar** RadhiAllahu Anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, “Umthandazo yintsika yenkolo.” *(Hilyat Al Awliya, Jami Al Saghir)*

6. **U Ali** RadhiAllahu Anhu uthi amazwi okugqibela kaRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam: "As Salaat As Salaat; Yoyikani uAllah kwabo baphantsi kolawulo lwenu." *(Abu Dawud)*

   ***Qaphela:*** *Phaphama uqwalasele, gada kwaye uwumise umthandazo.*

7. **U Abu Malik Al Ashjai** uchaza ukuba weva utata wakhe RadhiAllahu Anhuma, esithi ngalo lonke ixesha umntu esomkela i-Islam ngexesha lika Nabi Sallallahu Alayhi Wasallam, amaSahaba ayemfundisa umthandazo. *(Tabarani)*

8. **U Abu Umamah** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, Yini na Rasoolullah: "IDua (isikhungo) yeyanini na emanyelwa kakhulu kwaye yomkeleke?" Yena waphendula: "Leyo yenziwa ekuthambekeni kobusuku, kunye nasemva komthandazo olunyanzelo (Fardh)." *(Tirmidhi)*

9. **U Abu Umamah** RadhiAllahu Anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, "Nawuphina lowo ufunda i *Ayatul Kursi* emva kwemithandazo elunyanzelo akukho nto inokumnqanda ekungeneni iParadesi ngaphandle kokuba ukufa (kungekafiki). Kwenye inkcazelo, U *Qul huwallahu ahad* kufuneka efundwe emva kwe *Ayatul Kursi*."

10. **U Hasan Ibn Ali** RadhiAllahu Anhuma uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, "Lowo ufunda i *Ayatul Kursi* emva komthandazo olunyanzelo uhlala phantsi kokhuselo luka Allah kude kufike umthandazo olandelayo." *(Tabarani, Majma Al Zawaid)*

11. **U Abu Ayyoob** RadhiAllahu Anhu uthi, "Azange ndithandaze emva koNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wenu ngaphandle kokuba ndimve esithi ekupheleni komthandazo, Yini na Allah.

Zixolele zonke iimpazamo zam nezono zam. Yini na Allah. Ndiphakamise, zilungise iintsilelo zam, kwaye undikhokelele kwizenzo ezihle nokuziphatha okuhle, akukho namnye ngaphandle kwakho onokundikhokelela kokulungileyo, kwaye akukho namnye onokundikhwebula kokubi ngaphandle kwakho.” *(Tabarani, Majma Al Zawaid)*

12. **U Ummi Farwa** RadhiAllahu Anha uthi, wabuzwa uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, “Sesiphi esona senzo sihle singcono?” Waphendula wathi, “Kukuthandaza umthandazo ekuqaleni kwexesha lawo.” *(Abu Dawood)*

13. **U Ali** RadhiAllahu Anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, “Yini na bantu beQuran. Yenzani umthandazo weWitr, kuba inene u Allah uwitr (umnqakathi), kwaye uyawuthanda umnqakathi.” *(Abu Dawood)*

14. **UKharijah Ibn Hudhafah** RadhiAllahu Anhu uthi, Ngaminazana ithile weza kuthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “U Allah uninike umthandazo owangezelelweyo, wona ungcono kuneenkamela ezibomvu, lo mthandazo yiWitr. UAllah wenze ixesha lalo mthandazo laphakathi komthandazo we Ishaa nomsobomvu.” *(Abu Dawood)*

15. **U Abu Dardaa** radhiAllahu Anhu uchaza ukuba uMhlobo wam uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, wandiyalela izinto ezintathu, “Ukuzila iintsuku ezintathu enyangeni, ukuthandaza iWitr phambi kokuba ndilale kunye nokwenza iiRakaat ezimbini zeFajr.” *(Tabarani, Majma Al Zawaid)*

16. **U Ibn Umar** RadhiAllahu Anhuma uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, “Ukholo alugqibelelanga kumntu ongathembakelanga, umthandazo awomnkelekanga ngaphandle kweWudhu kwaye akukho nkolo kulowo ungathandaziyo.

Umthandazo inqanaba lawo kwinkolo lifana nenqanaba lentloko emzimbeni. *(Tabarani, Targhib)*

17. **UJabir Ibn Abdullah** RadhiAllahu Anhuma uthi, ndeva uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam esithi, "Phakathi kokuba umntu enze iShirk nokungakholwa kuse kungathandaziyo." *(Muslim)*

18. **U Ibn Abbas** RadhiAllahu Anhuma uthi inene uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Lowo uwuyekayo umthandazo uyakudibana no Allah enomsindo nguye." *(Tabarani, Bazzar, Majma Al Zawaid)*

19. **UNaufal Ibn Muawiya** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Lowo uphosa ukuthandaza uyafana nalowo uphulukene nosapho lwakhe kunye nobutyebi bakhe." *(Ibni Hibban)*

20. **U Amr Ibn Shuaib** uchaza ngakuve kutatawakhe yena eve kutata omkhulu RadhiAllahu Anhum uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, "Yalelani ngomthandazo abantwana benu xa beneminyaka esixhenxe, kanti nibabethe ngenxa yokungathandazi xa beneminyaka elishumi kwaye nibohlule komandlalo." *(Abu Dawood)*

21. **U Ibn Umar** RadhiAllahu Anhuma uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, "IMuazhin izakufumana ukuxolelwa kangangomgama elifikelela kuwo ilizwi lakhe le Azhaan, kwaye yonke indalo elivayo ilizwi layo ephilayo nengaphiliyo imcelela uxolelwa." *(Musnad Ahmad, Tabarani, Bazzaar)*

22. **U Abu Sa'sah** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba u Abu Saeed RadhiAllahu Anhu wathi, "Xa usemaphandleni okanye entlango yikhwaze i Azhaan ngelizwi eliphezulu, kuba ndeva uRasoolullah

Sallallahu Alayhi Wasallam esithi. Akukho mthi, gada, ilitye, iJinn okanye umntu othi amamele I Azhaan, ngaphandle kokuba konke kuzakuba ngamangqina akhe ngemini yomgwebo." *(Ibn Khuzaimah)*

23. **U Bara Ibn Aazib** RadhiAllahu Anhuma uchaza ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Inene uAllah uthumela iintsikelelo zakhe kubantu bomgca wokuqala. Lowo wenza i Azhaan uyaxolelwa kangangoko lifikelela khona ilizwi lakhe. Zonke izinto eziphilayo nezingaphiliyo elimamelayo ilizwi lakhe ziyakungqina oko. Yena ufumana umvuzo wabo ofanayo nabo athandaze nabo." *(Nasai)*

24. **U Ibn Umar** RadhiAllahu Anhuma uthi uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Lowo wenza I Azhaan iminyaka elishumi elinambini, iParadesi iqinisekisiwe kuye, kwaye egameni lakhe kubhalwa iintsikelelo ezingamashumi amathandathu ngeAzhaan nganye kanti ufumana iintsikelelo ezingamashumi amathathu nge Iqaamah nganye." *(Mustadrak Hakim)*

25. **U Abdullah Ibn Umar** RadhiAllahu Anhuma uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, "Abantu abathathu bazakuba kwiinduli zeMusk ngemini yovuko, bayakumonelwa ngabantu bangaphambili nangabo bangoku. Umntu owenza I Azhaan yemithandazo emihlanu emini nasebusuku, nomntu okhokela umthandazo ngendlela apho abantu bayakholwa nguye, kunye nesicaka esizalisekisa amalungelo ka Allah kunye namalungelo enkosi yaso." *(Tirmidhi)*

26. **U Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, "Ii imam zinoxanduva kanti i Muazhin iyathenjwa.Yini na Allah. Khokela Ii imam uxolele iimuazhin." *(Abu Dawood)*

27. **UJabir** RadhiAllahu Anhu uthi ndeva uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam esithi, “Inene uSathana xa esiva I Azhaan uyabaleka ayokutsho eRauha.” USulaiman Rahimahullah uthi, “Ndabuza kuJabir malunga neRauha. Yindawo emalunga neemayile ezingashumi amathathu anesithandathu ukusuka eMadinah.” *(Muslim)*

28. **U Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uthi uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Ukuba abantu bebenokuyazi iintsikelelo zokwenza I Azhaan kunye nokuba kumgca wokuqala, ukuba banongakwazi ufuna oko ngaphandle kokuba benze amaqashiso, inene bebenokubhenela koko.” *(Bukhari)*

29. **USahl Ibn Sa’d** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wallam wathi, “Izinto ezimbini azilahlwa okanye kukambalwa ukuba zilahlwe. iDua ngexesha le Azhaan kunye nangexesha lokulwa emfazweni.” *(Abu Dawood)*

30. **U Sa’d Ibn Abi Waqqas** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi:Lowo umamela iMuazhin ,aze aphendule ngokufunda la magama

وَأَنَا أَشْهَدُ أَن لَّا إِلٰهَ إِلَّا اللهُ وَحْدَهُ لَاشَرِيْكَ لَهُ وَاَنَّ مُحَمَّدًا

عَبْدُهُ وَرَسُوْلُهُ رَضِيْتُ بِاللهِ رَبًّا، وَبِمُحَمَّدٍ رَّسُوْلاً، وَبِالْإِسْلاَمِ دِيْنًا

Ndiyangqina ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka Allah, Yena uYedwa, Akanamahlakani, kwaye uMuhammad sisicaka kunye noMthunywa waKhe, Ndiyakholwa ukuba u Allah eyiNkosi yam nokuba uMuhammad e sisicaka noMthunywa nokuba I Islam ibe yinkolo yam. *(Muslim)*

31. **U Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, “Nawuphi na kuni owenza iWudhu kakuhle kwaye ayenze ngokugqibeleleyo, emva aye eMasjid ngenjongo eyodwa yokuba efuna ukuthandaza, u Allah uyavuya

ngokufanayo naxa ilungu lo sapho xa belingekho lize lifike ngesiquphe" *(Ibn Khuzaimah)*

32. **USalman** RadhiAllahu Anhu uthi uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam,"Lowo wenza iWudhu kakuhle endlwini yakhe, emva koko aye eMasjid, lo mntu ulindwendwe lika Allah, kwaye kulunyanzelo kumhlinzeki wendwendwe ukuba alenzele ububele." *(Tabarani, Majma Al Zawaid)*

33. **U Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uthi uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Nawuphi na kuni oshiya ikhaya lakhe esiya eMasjid, ngomzila ngamnye weenyawo zakhe kubhalwa okuhle, kanti nangomzila ngamnye weenyawo zakhe izono zakhe ziyacinywa ade abe ubuyela ekhayeni." *(Ibn Hibban)*

34. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, "u-Allah uyakubakhanyisela abo baya kwiimasjid ebumnyameni ngokukhanya okugqamileyo ngemini yoVuko." *(Tabarani, Majma Al Zawaid)*

35. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, "Abo bahamba ebumnyameni ukuya eziMasjid, inene bona bangabantu abantyumpantyumpeka kwinceba ka-Allah." *(Ibn Majah, Targhib)*

36. **U-Buraida** RadhiAllahu Anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, "Nika iindaba ezimnandi abo bahamba ebumnyameni ukuya eMasjid ngokukhanya okugqibeleleyo ngemini yoVuko." *(Abu Dawood)*

37. **U-Irbadh Ibn Sariya** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam rhoqo wayedla, ngokuthandazela umgca wokuqala kathathu kwaye athandazele kanye umgca wesibini. *(Ibn Majah)*

38. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, "Owona mgca ungcono emadodeni ngokwentsikelelo ngumgca wokuqala kanti wona umgca wokugqibela emadodeni nguwona mgca unentsikelelo ezimbalwa, ebafazini owona mgca uneentsikelelo ezininzi ngumgca wokugqibela kanti ebafazini owona mgca uneentsikelelo ezimbalwa ngumgca wokuqala." *(Muslim)*

39. **U-Aishah** RadhiAllahu Anha uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Inene u-Allah uthumela inceba yaKhe kwaye neeNgelosi zicelela iintsikelelo abo bakumgca wasekunene (kwi-imaam)." *(Abu Dawood)*

40. **U-Ibn Abbas** RadhiAllahu Anhuma uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Lowo uthi ame ngasekhohlo emgceni ngenxa yokubambalwa kwabantu (kwelo cala) yena uyakufumana umvuzo ophindaphindiweyo." *(Tabarani, Majma Al Zawaid)*

41. **U-Aishah** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "u-Allah uthumela inceba yaKhe kwaye neeNgelosi zicelela iintsikelelo abo bantu baqinisekisa ukuba izikhewu emigceni zigcwele." *(Mustadrak Hakim)*

42. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Akukho sicaka sivala izikhewu emigceni ngaphandle kokuba u-Allah alinyuse inqanaba lakhe kwaye iiNgelosi zicela ukuba bahliselwe iintsikelelo." *(Tabarani, Targhib)*

43. **U-Abu Juhaifah** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Lowo uthi avale isikhewu emgceni uyakuxolelwa." *(Bazzaar, Majma Al Zawaid)*

44. **U-Anas** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Yenzani tse imigca yenu kuba kuba ukwenziwa tse kwemigca kuyinxenye yomthandazo.” *(Bukhari)*

45. **U-Uthman Ibn Affan** RadhiAllahu Anhu uthi ndeva uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam esithi, “Lowo uthi enze iWudhu yomthandazo kwaye ayenze ngokugqibeleleyo, emva koko aye ngenyawo emasjid eyokuthandaza umthandazo olunyanzelo ewuthandaza belibandla okanye nabanye abantu okanye emasjid, u-Allah uyakuzixolela izono zakhe.” *(Muslim)*

46. **U-Umar Ibn Khattab** RadhiAllahu Anhu uthi Ndeva uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam esithi, “Inene u-Allah uyabancoma abantu abo bathandaza belibandla.” *(Musnad Ahmad, Majma Al Zawaid)*

47. **U-Abdullah Ibn Masood** RadhiAllahu Anhuma uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Ukugqwesa komthandazo wendoda belibandla kungaphezulu kune mithandazo ephindaphindwe kayi 20 athe wayithandaza eyedwa.” *(Musnad Ahmad)*

48. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, “Umvuzo womthandazo umntu othe wawuthandaza nebandla mkhulu ngokuphindaphindwe kayi 25 kuno mthandazo athe wawuthandaza yedwa endlwini yakhe okanye eshishinini lakhe.” *(Bukhari)*

49. **U-Ibn Umar** RadhiAllahu Anhuma uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Ukuthandaza nilibandla kungcono ngokuphindaphindwe amatyeli angamashumi amabini anesixhenxe ngoko mvuzo xa uwuthelekisa nomthandazo owuthandaze wedwa.” *(Muslim)*

50. **U-Abu Saeed Al Khudri** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Umthandazo othandazwe nilibandla ulingana nemithandazo engamashumi amabini anesihlanu, kanti xa uthe wathandazwa entlango, ukugoba kunye nokuqubuda kwenziwe kakuhle, ude uyokufikelela kumatyeli angamashumi amahlanu. *(Abu Dawood)*

51. **U-Abu Darda** RadhiAllahu Anhu uthi ndeva uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam esithi, “Ukuba ephandleni okanye ehlathini kukho abantu abathathu, kodwa abathandazi belibandla, uSathana uyakuboyisa. Kengoko yenzani kube lunyanzelo eziqwini zenu ukuba nithandaze nilibandla. Kuba inene umvolufu utya ibhokhwe eyodwa.” *(Abu Dawood)*

52. **U-Aishah** RadhiAllahu Anhu uthi wathi wakugula kakhulu uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam, wacela imvume kumakhosikazi wakhe ukuba ayokuchachela endlwini yam. Amnika imvume yokwenza oko. Waphuma uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam esiya emthandazweni esimelele emadodeni amabini, iinyawo zakhe zashiya umzila emhlabeni ngasemva (ngenxa yokurhuqeka phantsi).” *(Bukhari)*

53. **U-Abu Huraira** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Ukuba abantu bebenokuwazi umvuzo wokuya eMasjid khona ukuze bazokuthandaza iZuhr (umthandazo wasemva kwemini maqanda) abantu bebenokukhuphisana ukuya kuyo, kanti ukuba bebenokuwazi umvuzo wokuthandaza i-Eshaa (umthandazo wasebusuku) kunye neFajr (umthandazo wasekuseni) abantu bebenokuqisekisa ukuba bayaya eMasjid nokuba kufuna ukuba umntu azirhuqe (khona ukuze aye eMasjid).” *(Bukhari)*

54. **U-Abu Bakrah** RadhiAllahu Anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam lowo uthandaza umthandazo wasekuseni belibandla, lo mntu uphantsi kokhuseleko luka-Allah

kanti lowo ugrogrisa umntu ophantsi kokhuseleko luka-Allah, u-Allah uyakumphosa emlilweni.” *(Tabarani, Majma Al Zawaid)*

55. **U-Anas Ibn Malik** RadhiAllahu Anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Lowo uthandaza iintsuku ezingamashumi amane nebandla ekuqaleni komthandazo (Takbeer Ulaa), ufumana ukuhlambuluka kwizinto ezimbini, ukuhlambuluka esihogweni nokuhlambuluka ebuhanahanisini.” *(Tirmidhi)*

56. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, “Ndikhe ndacinga ukuba ndiyalele ulutsha ukuba luqokelele iinkuni, emva koko ndiye ezindlwini zabo bathandaza imithandazo elunyanzelo ezindlwini ngaphandle kwezizathu, ndibatshisa nezo zindlu.” *(Abu Dawood)*

57. **U-Abu Umamah** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Inene ukuhlamba umzimba ngosuku lweJuma kususa izono kangangokuba kususa nezono ezisengcanjini zenwele” *(Bukhari)*

58. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Akukho nalunye usuku apho kuphuma ilanga okanye kutshona lungcono kuno suku lweJuma. Zonke izilwanyana ziyaloyika usuku lweJuma ngaphandle kwezilwanyana ezimbini ezinzima abantu neJinn.” *(Ibn Hibban)*

59. **U-Aishah** RadhiAllahu Anha uchaza ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wayengagxininisi kakhulu kwimithandazo (eyongezelelweyo) nafl ukugqitha iRakaat ezimbini eziphambi kweFajr.” *(Muslim)*

60. **U-Aishah** RadhiAllahu Anha uthi uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi malunga neeRakaat ezimbini eziphambi

kweFajr. Ezi Rakaat zimbini ndizithanda ukogqitha ihlabathi liphela. *(Muslim)*

61. **Umm Habibah** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Nasiphi na isicaka esilikholwa esithi sithandaze iiRakaat ezine zeZuhr, umlilo awusayikuthi chatha ubuso bakhe, ukuba u-Allah uthanda njalo.” *(Nasaai)*

62. **U-Ibn Umar** RadhiAllahu Anhuma uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Inga u-Allah angabonisa inceba kulowo uthandaza iiRakaat ezine phambi kwe –Asr Salaat.” *(Abu Dawood)*

63. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, “Lowo uthi eme ebusuku ngeRamadhaan enokholo ku-Allah kwaye enethemba lokuvuzwa, zonke izono zakhe ezigqithileyo ziyakuxolelwa.” *(Bukhari)*

64. **Abu Fatimah Al Azdi** okanye Al Asadi RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi kum, “Yini na Abu Fatimah. Ukuba unqwenela ukudibana nam (kwixa elizayo), yenza iSujood kaninzi (thandaza rhoqo).” *(Musnad Ahmad)*

65. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, “Okona kuzila kungcono emva kweRamadhaan (kukuzila) kwenyanga ye Muharram, owona mthandazo ungcono emva kwemithandazo elunyanzelo, ngumthandazo weTahajjud.” *(Muslim)*

66. **U-Iyas Ibn Muaawiya Al Muzani** Rahmatullahi Alayhi uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Qiniseka ngokuthandaza iTahajjud (kuthabatha ixesha elifutshane) oku kokusenga ibhokhwe. Nawuphi na umntu

othandaza emva kwe Esha, inene lo mthandazo uyakubalwa njenge Tahajjud." *(Tabarani, Majma Al Zawaid)*

67. **U-Abdullah** RadhiAllahu Anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, "Ubungcono bomthandazo owongezelelekileyo wasebusuku kunomthandazo owongezelelekileyo wasemini kufana nokubalasela komnikelo onikezelwe emfihlakalweni kunalo mnikelo onikezelwe embonakalweni." *(Tabrani, Majma Al Zawaid)*

68. **U-Abu Umamah Al Baahili** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Gxininisani ekwenzeni iTahajjud, kuba yayiyi sisithethe samakholwa angaphambili kunani, Uyindlela yokusondela kwi Nkosi yenu nokuhlanjululwa ebubini kunye nokhuseleko ezonweni." *(Mustadrak Hakim)*

69. **U-Abdullah Ibn Amr Ibn Al Aas** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi kum, "Yini na Abdullah! Musa ukufana nobani nobani, yena wayesoloko ethandaza iTahajjud ebusuku emva koko wayeka." *(Bukhari)*

70. **U-Aishah** RadhiAllahu Anha uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Nawuphi na oqhele ukwenza iTahajjud, kodwa ngabusuku buthile oyiswe bubuthongo, koko u-Allah umvuza ngokwenza iTahajjud kanti kona ukulala kwakhe kube ngumnikelo kuye." *(Nasai)*

71. **U-Abu Darda** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Nawuphi lowo uthi ayokulala enenjongo yokuthandaza iTahajjud, kodwa onganyelwe bubuthongo kude kufike umsobomvu (angakwazi ukuyithandaza) uyakufumana umvuzo wokwenza iTahajjud ngenxa yokuba

nenjongo yokuyenza, kanti ukonganyelwa kwakhe bubuthongo kube sispho sakhe esivela ku-Allah." *(Nasai)*

72. **U-Muadh Ibn Anas Juhani** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi wathi, "Lowo uthi ahlale kwindawo ebethandaze kuyo umthandazo weFajr, ade abe uthandaze umthandazo waphambi kwasemini maqanda engakhange athethe nto ngaphandle kokulungileyo, izono zakhe ziyakuxolelwa nokuba zingaphezulu kunegwebu laselwandle." *(Abu Dawood)*

73. **UHasan Ibn Ali** RadhiAllahu Anhuma uthi ndeva uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam esithi, "Lowo uthandaza umthandazo weFajr, emva koko azigcine exakekile yiZikr kude kuphume ilanga, emva athandaze iiRakaat ezimbini okanye ezine umlilo wesiHogo awusayi kusichukumisa isikhumba sakhe." *(Baihaqi)*

74. **U-Anas Ibn Malik** RadhiAllahu Anhu uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Lowo uthandaza umthandazo we Fajr belibandla emva ahlale phantsi enze iZikr ka-Allah kude kuphume ilanga, emva koko athandaze iRakaat ezimbini uyakufumana umvuzo weHajj ne-Umrah. U-Anas uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam ezipheleleyo, ezipheleleyo, ezipheleleyo (Umvuzo weHajj ne –Umrah ezipheleleyo)." *(Tirmidhi)*

75. **U-Abu Darda** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "U-Allah Ta'ala uthi, Yini na Bntwana baka Adam! Musa ukuyekelela ekwenzeni iiRakaat ezine zasekuqaleni kwemini, Mna ndiyakuzizalisekisa iimfuno zakho zemini yonke." *(Musnad Ahmad , Majma Al Zawaid)*

76. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, "Nawuphi lowo uthandaza iiRakaat

ezimbini zeSalaatu Duhaa (umthandazo ongelonyanzelo owenziwa phambi kwasemini maqanda) izono zakhe ziyakuxolelwa nokuba zingango gwebu lwaselwandle." *(Ibn Majah)*

77. **U-Abdullah** RadhiAllahu Anhu uthi, "Ndambona uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam ethandaza esifubeni sakhe kuvakala ingxolo yelitye lokuguba ngenxa yokulila kwakhe." *(Abu Dawood)*

78. **U-Ibn Abbas** RadhiAllahu Anhuma uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Umzekeliso wemithandazo elunyanzelo ifana nesikali. Lowo unikezela ngokugcweleyo uyakufumana okugcweleyo (ngokunjalo lowo uthandaza ngokupheleleyo nangokugqibeleleyo uyakufumana umvuzo opheleleyo nogqibeleleyo)." *(Baihaqi,Targhib)*

79. **U-Uthman Ibn Dahrish** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "U-Allah akasomkeli isenzo sesicaka side sibe ukuzimisela kwaso kweso senzo singqinelana nentliziyo kunye nomzimba waso." *(Targhib)*

80. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, "Umthandazo unamalungu amathathu: Ucoceko sisinye esithathwini, Ruku sisinye esithathwini, kanti neSujood sisinye esithathwini. Kengoko lowo uthi enze umthandazo ngokugqibeleleyo, uyakwamkelwa kuye ngokunjalo nezinye izenzo ziyakwamkelwa .Kanti lowo umthandazo ungomkelwanga, intsalela yezinye izenzo zakhe ziyakukhutshelwa ngaphandle (Rejected)." *(Bazzar, Majma Al Zawaid)*

81. **U-Wail Ibn Hijr** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam kwiRuku wayedla ngokuyithi saa

iminwe, kodwa kwiSujood wayedla ngokuyidibanisa iminwe." *(Tabarani, Majma Al Zawaid)*

82. **U-Abu Darda** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba nawuphi na lowo uthandaza iiRakaat ezimbini ngohlobo apho athi enze iRuku neSujood ngokugqibeleleyo, emva koko acele ku-Allah, inene u-Allah uyakumnika (lonto ayicelayo) ngoko nangoko okanye emva kwethuba." *(Tabarani)*

83. **U-Abu Abdullah Al Ashari** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Umzekeliso womntu ongayenzi kakuhle iRuku (ukugoba emthandazweni) kwaye enze iSujood ngokungathi kukuxhola umbona kwenkuku, kufana nomntu olambileyo otya iDates enye okanye ezimbini, zona zingamhluthisiyo." *(Tabarani, Majma Al Zawaid, Abu Ya'la)*

84. **U-Abu Darda** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Into yokuqala eyakuthi ithatyathwe kwibandla lam (okanye kubalandeli bam) yiKhushu (kukuzinikela kunye nokuzithoba) emthandazweni, kangangokuba akusayi kufumana namnye kubo oneKhushu." *(Tabarani, Majma Al Zawaid)*

85. **U-Abu Qatadah** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Elona sela libi kakhulu lelo liba emthandazweni walo." AmaSahaba RadhiAllahu Anhum abuza, "Yini na Rasoolullah! Umntu uba njani emthandazweni wakhe?" Waphendula, "Ngokuthi angenzi iRuku neSujood ngokufanelekileyo, okanye angawenzi ube nkqo umqolo kwiRuku okanye kwiSujood." *(Musnad Ahmad, Tabarani, Majma Al Zawaid)*

86. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "U-Allah akaniki ngqwalasela

emthandazweni womntu ongawumisi nkqo umqolo phakathi kweRuku neSujood yakhe.” *(Musnad Ahmad, Fath Al Rabbani)*

87. **U-Aishah** RadhiAllahu Anha uthi, “Ndabuza uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam ngokubhekabheka emthandazweni?” Waphendula, “Yindlela uSathana aphazamisa ngayo umntu emthandazweni.” *(Tirmidhi)*

88. **U-Jabir Ibn Samura** RadhiAllahu Anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam abo bantu bajonga esibhakabhakeni emthandazweni kufuneka bakuyeke ukwenza oko, okanye bayakuba zimfama.” *(Muslim)*

89. **Umar Ibn Khattab** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba ndeva uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam esithi, “Nawuphi na lowo wakha iMasjid apho u-Allah akhunjulwayo khona (kwenziwa iZikr khona), u-Allah uyakumakhela ibhotwe eParadesi.” *(Ibn Hibban)*

90. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Lowo uthi aye eMasjid kusasa okanye ebusuku, u-Allah uyakumlungiselela ngokomkelwa ngobubele eParadesi ngalo lonke ixesha esiya eMasjid ekuseni okanye ebusuku.” *(Bukhari)*

91. **U-Abu Umamah** RadhiAllahu Anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Ukuya eMasjid ekuseni okanye ebusuku kuyinxenye nokulwa emfazweni ngenxa ka-Allah (Jihaad).” *(Tabarani, Majma Al Zawaid)*

92. **Abdullah Ibn Amr Ibn Al Aas** RadhiAllahu Anhuma uchaza ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wayedla ngokuthi xa engena eMasjid: AOOZHU BILLAHIL AZHEEM WABI WAJ-HIL KAREEM WASUL-TAANIL QADEEM MINASH-SHAYTANIR RAJEEM. Ndicela ukukhuselwa Onguyena

Omkhulu, nakubuNgcwele Bakhe kunye Nolawulo lwakhe olungunaphakade kuSathana oqalisekisiweyo. Xa ithe yafundwa le Dua, uSathana udanduluka athi, “Lowo (ufunde le Dua) ukhuselekile kum intsalela yemini yonke.” *(Abu Dawood)*

93. **U-Abu Saeed Al-Khudri** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, “Lowo uyithandayo iMasjid u-Allah uyamthanda naye.” *(Tabarani, Majma Al Zawaid)*

94. **U-Abu Darda** RadhiAllahu Anhu uthi, “Ndeva uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam esithi: IMasjid yindlu yalo lonke ikholwa elimoyikayo u-Allah.Kulowo uchitha ixesha lakhe elininzi eMasjid, u-Allah uthabathele kuYe uxanduva lokumthuthuzela, ukumhlisela inceba, ukumenzela lula ukunqumla kwakhe kwi blorho ye Siraat kwaye amnike ukukholiseka kwaKhe nguye kunye nokumnika iParadesi.” *(Tabarani, Bazzar, Majma Al Zawaid)*

95. **U-Muaadh Ibn Jabal** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “USathana ngumvolufu wabantu, njengokuba umvolufu ebamba igusha edla yodwa naleyo izikhwebulayo emhlambini wezinye. Kengoko zikhwebule ekubeni ubewedwa ezintlanjeni.Bambelelani ebandleni, hlala nabanye abantu kwaye unxulumane neMasjid.” *(Musnad Ahmad)*

96. **U-Abu Saeed** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallalllahu Alayhi Wasallam wathi, “Ukuba ubona umntu esiya eMasjid rhoqo, ngqina ukuba unokholo.U-Allah Ta’ala uthi: Ngulowo ukholwayo ku-Allah nomhla wokugqibela oya rhoqo eMasjid.” *(Tirmidhi)*

97. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “IMuslim eyenza iMasjid

indawo yomthandazo nendawo yeZikr, u-Allah uyachulumanca koko njengokuba izizalwana zichulumanca xa kufika esinye isizalwana ebesingekho.” *(Ibn Majah)*

98. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Nawuphi na lowo wenza iMasjid indawo yokuhlala (indawo ahlala kuyo ixesha elininzi) kodwa abanjezelwe yinto ethile, okanye isigulo, kodwa emva kokokuxakeka aphinde aze rhoqo eMasjid njengoko ebesenza ngaphambili, u-Allah Ta’ala uyachulumanca njengokuba izizalwana zichulumanca xa kufika isizalwana ebesingekho.” *(Ibn Khuzaimah)*

99. **U-Aishah** RadhiAllahu Anha uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wasiyalela ukuba sakhe iiMasjid apho sihlala khona, sizigcine zicocekile kwaye sizinukise ngesiqholo.” *(Abu Dawood)*

100. **U-Anas** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba kwakukho inenekazi elalicoca eMasjid. Lathi lakusweleka, uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam azange aziswe ngokungcwatywa kwalo wathi, “Ukuba kusweleke omnye wenu ndaziseni. Yena ngokwakhe wenza umthandazo womngcwabo kwelo nenekazi wathi: Inene ndilibonile (elo nenekazi) eParadesi ngenxa yokuba belicoca iMasjid.” *(Tabarani, Majma Al Zawaid)*

101. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Ezona ndawo emhlabeni ezithandwayo ngu-Allah ziiMasjid kanti ezona zingathandwayo ngu-Allah ziindawo zoshishino.” *(Muslim)*

102. **U-Ibn Abbas** RadhiAllahu Anhuma uchaza ukuba iiMasjid zizindlu zika-Allah emhlabeni. Zinika ukukhanya kwabo basemazulwini, njengokuba iinkwenkwezi zinikezela ukukhanya kwabo basemhlabeni. *(Tabarani, Majma Al Zawaid)*

103. **Abdullah Ibn Umar** RadhiAllahu Anhuma uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Lowo uthi ahlambisise umzimba kakuhle ngoLwesihlanu, aye kumthandazo weJuma kuselithuba, ahlale kufutshane (ne-Imaam), amamelisise intshumayelo kwaye athi cwaka, ngenyathelo ngalinye alithabathayo ufumana umvuzo womthandazo wonyaka wonke kunye nomvuzo wokuzila unyaka wonke.” *(Musnad Ahmad)*

104. **U-Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Inene owona mthandazo unzima kubahanahanisi ngumthandazo weFajr kunye nomthandazo we Esha.” *(Muslim)*

105. **U-Anas Ibn Malik** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah wathi, “IDua eyenziwe phakathi kwe Azaan ne-Iqaamat ayikhatywa (not rejected).” AmaSahaba RadhiAllahu Anhum abuza, “Yeyiphi idua emasiyenze, Yini na Rasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam?” Waphendula, “Cela ku –Allah i-*Aafiyah* (ukuba sempilweni) apha emhlabeni nakwixa elizayo.” *(Tirmidhi)*

106. **U Aishah** RadhiAllahu Anha uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “IiRakaat ezimbini apho uthe wasebenzisa iMiswaak zingcono kuneeRakaat ezingamashumi asixhenxe apho ungakhange uyisebenzise iMiswaak.” *(Bazzar, Majma Al Zawaid)*

107. **U Abu Saeed** RadhiAllahu Anhu kunye no Abu Hurairah RadhiAllahu Anhu bathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Ngolwesihlanu kukho ixesha elithile apho nayiphi na iMuslim ithi xa icela ku-Allah Ta’ala into, Yena uyayinika elo xesha kusemva kwe-Asr.” *(Musnad Ahmad, Fath Al Rabbani)*

108. **UAbu Musa Al Ashari** RadhiAllahu Anhu uthi ndeva uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam esithi, "(Elo xesha lichongiweyo lokomkeleka kweDua) lisusela ngexesha i-imaam ihlala phantsi kwiKhutba uyokutsho ekupheleni komthandazo." *(Muslim)*

109. **U Abu Hurairah** RadhiAllahu Anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Lowo uthi alondoloze imithandazo elunyanzelo akasayi kubhalwa njengomnye wabo bangakhathaliyo." *(Ibn Khuzaimah)*

110. **U-Ruwaybah** RadhiAllahu Anhu uthi, Ndeva uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam esithi, "Inene akasayi kusingena isiHogo lowo uthe wathandaza phambi kokutshona kwelanga kunye naphambi kokutshona kwelanga (Fajr neAsr)." *(Muslim)*

111. **U-Jabir** RadhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Xa iqalisa i-Iqaamat yomthandazo iingcango zamazulu ziyavuleka kwaye iiDua ziyomkeleka." *(Musnad Ahmad)*

112. **U-Aisha** RadhiAllahu Anha uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "IiRakaat ezimbini ozithandaze usebenzise iMiswaak zingcono kuneeRakaat ezingamashumi asixhenxe ongasebenzisanga iMiswaak kuzo." *(Bazzar, Majma Al Zawaid)*

